Mayor's Notes during the Mayoral / EXCO Outreach / Imbizo at Mnyamaneni Village in ward 18 on the 03rd of February 2015.

Executive Committee Members

Speaker, Cllr J. Bosman - Magangana

Chief Whip, Cllr Polelo Mohale

Ward Councillor of ward 18 nesiqgeba sakhe

Municipal Manager, Dr. DCT Nakin

Management and Staff of Matatiele Local Municipality and Alfred Nzo District Municipality

Representatives from:

The Department of Rural Development & Agrarian Reform,

SASSA,

Social Development,

linkosi zalendawo

Bahlali base- ward 18 ngobubanzi

Members of the Media (Print and Electronic)

Manene namanenekazi

Ndiyanibulisa ngalentsasa. Kulonyaka omtsha sithemba intoyokokuba sonke singene kakuhle sakwazi ukuba siqhubele phambili izicwangciso zethu.

Sidibana apha namhlanje kulenyanga apho kulindeleke uMongameli weli athule intetha yakhe yobume besizwe (State of the Nation Address) ngomhla ka 12 ngentsimbi yeSixhenxe Malanga. Kubalulekile ke bahlali simphulaphule koonomathotholo bethu khona ukuze sikwazi ukuva inqkubela phambili yelizwe lethu neendawo esihlala kuzo.

Mphathi nqubo

Ndivumele ndazise wonke umntu olapha ukuba kutheni silapha namhlanje ngelithi:

Le yinxalenye yenkqubo ezithe zathatyathwa nguRhulumente ukuba sibuyisele urhulumente wasemakhaya kwindawo ekufanele abe kuyo apho athi aphendule kwizidingo zabahlali. Silapha ke eMnyamaneni eWard 18 kwiMbizo zikaSodolophu ukuzoqinisa ubudlelwane nabahlali balendawo nokuba sinike ingxelo ngezidingo zenu.

The Mayoral / EXCO Outreaches / Imbizos are anchored around the broader government Public Participation Programmes (PPP) and aligned with the Izimbizo Outreach initiative in an effort to enhance impact and arrest shortfalls associated with implementation of the Government Programme of Action.

Asifuni ukuhamba sodwa singurhulumente, sifuna ukuba siyiphucule sisonke lendawo yethu yaseMatatiele, Ward 18 ukuze siqhubele phambili nophuhliso oluya ebantwini.

Okusemqoka kukuba abantu baleWard bazi ukuba zintoni ezenziwayo ukuqhubela phambili indawo yabo. Siyazazi ke izikhalazo zabantu bethu ingakumbi kwicala lombane, ezendlela kunye nezamanzi. I-office yam bahlali is aware of the challenges you raised during the Environmental Assessment Meeting held in preparation for this day kunye nakwiIDP Outreach Programme.

Siniphathele iimpendulo namhlanje, esithemba intoyokokuba nizakuzivuyela ezinye zazo.

Kumba weproject yezindlu (Rural Housing) nanithe nibona iproject ithatha ixesha ukuba iqale. limpendulo esinayo namahlanje ithi:

- Kungekudala amagosa asuka kwisebe lakwa Human Settlements nakwaMasipala bazakwazisa uWard Councillor ngosuku abazakuthi bazokwenza into ebizwa ngokuba yiHousing Consumer Education apho bazakuthi bafundise abahlali ukuba yintoni efunekayo xa umntu efuna ukubhalisa indlu yeRDP. Okwangoku base Ward 06 ukuqgiba kwabo bazakuza kuleward.
- Kuzakwakhiwa izindlu eziyi500 lisebe lezindlu (Human Settlements)
- Sicela ke bahlali intsebenziswano yenu khona ukuze le project ihambe ngendlela eyiyo ukwenzela intoyokokuba wonke umntu ekufanele exhamlile axhamle.

Kumba wamanzi:

- uMasipala ombhaxa iAlfred Nzo ubekele bucala imali engange R200 386457.00 efandwa ngu Municipal Infrastructure Grant (MIG) yona ezakuthi ihlangabezane nezidingo zenu. Umba wamanzi kwezindawo zilandelayo: Sidakeni, Qili, Mnyamaneni, Mrhwabo, Rholweni, Nyaniso, Nkungwini neFiva ukwi-Design stage.
- Sele eqashiwe unokhontraka oza kwacha iFobane Water Scheme kulindeleke aqoshelise umsebenzi ngoSeptember. Kwakho umba wamanzi oza kuncedisa iWard 18,19 kunye no 22 kulindeleke uba iqale ngoMarch.

Kumba weendlela:

- iFiva access road igqityiwe kulonyaka sisuka kuwo.
- T15 osuka kwicala langaseMatatiele uyofika kuMasipala waseMzimvubu iyaqhuba. Lendlela ixabisa ngaphezu kwe R12 million.
- DR08073, culvert maintenance at Rolweni ngemali engange R2.45 Million yona yenziwa lisebe lakwa Roads & Public Works
- iRolweni brigde iyokhiwa ngumasipala
- 4.8 KM Sidakeni access road izakwenziwa ngoMarch ngePlant kaMasipala

Bahlali

Umba wombane awusilalisi singuMasipala, kuyafuneka sazi into yokokuba ukuze singuMasipala sibe nombane sonke sidinga imali efikelela kuR1,2

Billion. Sithetha nje sikwingxoxo neSebe lezamandla, kunye noESKOM ukuze bangenelele kulemeko. Ezingxoxo ke ziqale kulonyaka ophelileyo siyathemba ke ukuba sizakufumana impendulo ebambekayo kulamasebe. The former MEC of Local Government and Traditional Affairs Honourable Mlibo Qoboshiyane has been in negotiations with the National Treasury to address the challenge of Alfred Nzo District backlog on electricity, as such the District would need more than R3 Billion from the National Treasury.

Ndibongoza abantu baseMatatiele ingakumbi Ward 18 ukuba banyamezele de size kubo nempendulo encumisayo. Sizakunazisa xa kukho ingxelo eveleyo.

Mphathi nqkubo,

Ndivumele ndibonge kumasebe karhulumente athi aqhubeke esebenzisane nathi, sibonge iForum ebizwa ngokuthi yiIGR apho khona bonke abaphathi bamasebe bahlala khona ukunika ingxelo yeprogrammes zabo kuMasipala.

Asihambi sodwa singuMasipala, sihamba nabantu bakwa Rural Development & Agrarian Reform (uAgriculture) aphosivule ngokusesikweni iDip yenkomo yona ethe yaxabisa iR600 000. Siyacela kubahlali bayikhusele bayisebenzisele ukugcina imfuyo yabo isegazini.

Kumba weegrants (SASSA services):

- SASSA unezi services akazinekezalayo kubahlali baseMatatiele yonke kunye ne Ward 18.
- Old age grant, disability grant, war veteran, care dependency grant, child support grant, foster care grant, grant in aid and social relief of distress. iAgency ibekele bucala iR655 639.00.

Bahlali baseWard 18,

Nanikhale ngendlela isebe lezeMfudo elithe lenza iProgramme yalo yokuhlulahlula izikolo, ngoba lonto ichaphazela imfundo yabantwana benu ngelithi banyanzeleke ukuba bahambe umgama omde wendlela ukuya nokubuya kwezozikolo zikude, ngelishwa uMasipala ufumane ingxelo ethi angeke isebe likwazi ukuyijika kodwa kucelwa abazali basebenzisane neSebe ukuphucula ezemfundo.

Mphathi nqkubo, members of the media nabahlali baseWard 18 ngobubanzi,

Government Achievements within this ward

- Fiva access road
- Fields fenced at Dumasini, Fiva, Nyaniso and Mnyamaneni
- Department of Rural Development and Agrarian Reform have provided 15 hectors at Fiva
- Creation of jobs through Nkhoesa Mofokeng and EPWP, R5million
- Creation of jobs through Rea ï Hloekisa Programme, R1million
- Household food security gardens, R20 000
- Sanitation at 5 villages: Tshisa, Nkungwini, Mrwabo, Mnyamaneni, Sidakeni and Khesa
- Mobile Library at Mango
- 24 Hour Service Clinic to be built at Hill-side, the clinic will serve ward 18 and ward 22. (Contractor appointed to start on the 20th of March 2015), Coega will train 18 local people on bricklaying, pipe-laying and carpentry and to hire 200 local people
- **Child Care and protection services:** Elukhanyisweni Pre - School by the Department of Social Development, 36 beneficiaries it was budgeted R118 800 for this current Financial Year
- Noluntu ï Silozi Pre ï School
- **Victim Empowerment Programmme:** KwaMashu Victim Support Centre

Xandizakugqibezela Mphathi nqubo,

Ndivumele ndigxininise kubahlali balapha ukuba uMasipala, urhulumente ngobubanzi wenza ngandlela zonke ukusabela kwimfuno zenu ningabahlali, sizakuqhubeka ke sisenza njalo ukuze ubomi benu bube ngcono.

Ndiyabonga!